

Jaarlikse Prestasieplan 2011/12 – 2013/14

Annual Performance Plan 2011/12 – 2013/14

IsiCwangciso seNtsebenzo soNyaka 2011/12 – 2013/14



Date of tabling: 28 February 2011

WESTERN CAPE
Education Department

Provincial Government of the Western Cape

Amanqakwana:

1. Ukuchuleza ekufundeni nasekutolikeneni olu Xwebhu

IsiCwangciso seNtsebenzo soNyaka (*APP*) sifanelwe ukufundwa nesiCwangciso eSenziwe ngoBuchule seMinyaka emiHlanu neNkcazo yeNjongo eCwangciswe ngoBuchule yeSebe i *WCED*.

Olu xwebhu lwe-*APP* luqulunqwe ngokwethemplethi yecandelo likanondyebo kazwelonke. Intsebenzo ifakwe kwiqela leethemplethi zecandelo lezemfundo.

Inkxaso-mali kwezemfundo yahlulwe ngokweeprogram eziyi-8. Iprogram nganye icaciswa ziiprogram ezisekelayo zikazwelonke. Ezi program zidweliswe ekuqaleni kweprogram nganye

LiTheyibhile zeenkukacha-manani zikaZwelonke (*Nationally-defined Statistical Tables (ST)*) zifakwe iinombolo ngokweprogram echaphazelekayo. Itheyibhile nganye yeST inesethi yezalathi ezibonisa ukusetyenziswa kwemali (*financial indicators*) ezilandelwa ziindidi zezintlu zedatha ezinezihloko ezibhalwe "*Efficiency Statistics*". Le datha ikhokelwa yimfuno ekususelwa kuyo kuzwelonke ukwenza ucwangciso, ukubeka esweni, ukuphonononga nokubonelela ngemilinganiselo engumzekelo (*benchmarks*).

KwiCandelo A iinkukacha-manani zezecandelo lilonke kwaye zahlula-hlulwa ngokwesethana (*subset*) nganye o.k.t. uNdlunkulu (obandakanya nezithili zemfundo); zonke izikolo zikarhulumente ezahlulwa zibe ziiprayimari, iisekondari, izikolo ezizimeleyo, izikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa , iiKholeji zeFET, imfundo yabadala, imfundo yabantwana abasaqalayo neenkonzo ezincedisayo.

Kunikwe ezo zinto ziphambili zingunobangela weendleko kwezemfundo (ootitshala, abafundi neziseko zophuhliso nokulungiswa kweemeko ezingafaniyo zangaphambili). Kwangokufanayo, kunikwe kwiprogram nganye amanani ootitshala nabangezotitshala kwakunye namanani obhaliso abafundi.

Kukho izalathi zikazwelonke ezibizwa ngokuba "YiMilinganiselo yeNtsebenzo yeeProgram" nezalathi zephondo ezibizwa ngokuba "ziZalathi zeNtsebenzo kwiiProgram".

Kwenziwe uhlanga-hlengiso apha naphaya kwisiCwangciso eSenziwe ngoBuchule yaye zandlalwe apha ezo zinto ukutshintsha ezinye zeendlela zokucwangcisa.

Makuqatshelwe ukuba amanani ka-2010/11 kwii-*ST tables* aluQikelelo oluHlanga-hlengisiweyo.

2. Iikopi eziguqulweyo:

Ikopi zolu xwebhu ngolwimi lwesi-Afrikansi nesiXhosa zifumaneka kweli ziko lewebhu leWCED <http://wced.wcape.gov.za> kwiintsuku ezingama-30 zokwandlalwa kwalo.

3. Isihlomelo:

Ikopi "zesihlomelo E" (*Technical Indicators*) zifumaneka apha: <http://wced.wcape.gov.za>

Imbulambethe

Sekuphele unyaka ngoku, apho wathi uRhulumente wePhondo leNtshona Kolo-ni wakhupha isicwangciso esenziwe ngobuchule sem-fundo seminyaka 2010 - 2019. Esi sicwangciso sijolise kwizinto ezizipray-orithi eziphambili ezili-10 ezinjongo yazo ikukuphucula umgangatho wemfun-do efundiswa kweli phondo, neziya kuthi ekugqibeleni ziphucule iziphumo zokufunda zabafundi.

Ezona zinto ziphambili zibandakanya ukuphucula iziphumo zokufunda zolwazi lokufunda, ukubhala noku-bala, ukwenza abo bakwizikhundla eziphezulu zolawulo bamelwe kukuphendula ngomsebenzi oluxanduva lwabo, ukwandiswa kwamathuba ophuhliso noqeqesho lootitshala oluqhubeka okokoko, ukuphucula iziseko zophuhliso zezikolo (*school infrastructure*), ukukhuthaza ukhuseleko lwezikolo nabafundi, ukwandisa ukubonelelwa ngeencwadi zezifundo nokuphucula ukuphendula ngokukhawuleza kwiifundo zoluntu nokusebenza ngendlela eyiyo kweSebe iWCED.

Ngethuba nje lonyaka omnye, uRhulumente wePhondo leNtshona Koloni angatsho ngokuzithemba ukuba senze inkqubo enkulu ekubekeni isiseko esiyimfuneko sokufikelela kwiinjongo zethu zokuphucula iziphumo zokufunda zabafundi eNtshona Koloni. Ukwenza umzekelo, kulwazi lokufunda, ukubhala nokubala, iNtshona Koloni iyaqhubeka nokukhokela eli lizwe liphela ekusetyenzisweni kovavanyo lwabafundi olubanzi, kunye nokwandisa iiprogram zethu zovavanyo zinabele kumaBakala 3, 6 no-9.

Ngokumalunga nokumelwa kukuphendula ngomsebenzi oluxanduva lwakho, iNtloko yeSebe leMfundo kunye nam sisayine iimvumelwano zentsebenzo ekuqaleni konyaka ophelileyo nezibandakanya iinqununu namasekela-nqununu, okokuqala ngqa, eziqhagamshela ngqo uvavanyo lwentsebenzo nomgangatho weziphumo zokufunda zabafundi kwisikolo eso sithile.

Ukwenzela ukuba kube nokuphuculwa inani nomgangatho wabafundi abapasayo kule nkqubo yemfundo, siya kuqhubeka nokuphumeza iqela leeprogram kwizikolo zethu ezisaqhuba kakubi, kubandakanywa inkxaso ebanzi kakhulu yezolawulo enikwa zizithili zemfundo zethu, inkxaso kwizifundo ezithile enikwa izikolo, nokusiwa ezikolweni kweencwadi zezifundo ezongezelelweyo kwizifundo ezibaluleke kakhulu.

Ukubonelelwa ngeencwadi zezifundo kuya kuqhubeka ukuba yeyona nto ephambili ekujoliswe kuyo kulo nyaka, njengoko lo rhulumente ekholelwa ngamandla kwinto yokuba iincwadi zezifundo zisisibonelelo

esibaluleke gqitha kwezemfundo kuwo onke amabakala. Sele sikuqinisekisele ukusiwa kweencwadi zesifundo semathematika kubo bonke abafundi bezikolo eziziprayimari eNtshona Koloni kumaBakala 2 - 7 kunye neencwadi zokufunda (*reading books*) zamaBakala 1- 6 kwizikolo ngezikolo. Kuza kuqhutyekwa nokwandisa le program.

Imfundo esemgangathweni ixhomekeke ekufundiseni okusengangathweni. Kulo nyaka siye sazilungisa iiprogram zethu zoqeqesho nophuhliso lootitshala ngokususa izinto ezingafunekiyo, ukwenzela ukuba zibe zezijolise ngqo ngakumbi kwizinto ezithile, apho kukho uqeqesho olunyanzelekileyo lootitshala bezikolo eziqhuba kakubi kuze kubekho izinto ezininzi ezinokukhethwa ngootitshala kwizikolo eziqhuba kakuhle kakhulu. Ukubonelela ngoqeqesho oluyimfuneko kwiinqununu zethu nakumabhunga olawulo ii-SGB kubaluleke kakhulu yaye izikolo sele zazisiwe malunga noomasifundisane beentlobo ngeentlobo babalawuli bezikolo abaza kwenziwa ngo-2011

Ngethuba lonyaka ophelileyo, iSebe iWCED labeka njengeprayorithi ephambili iifundo zophuhliso lweziseko zethu (*our infrastructure needs*). Kunyaka ophelileyo sele sifakele ngempumelelo ii-*mobile units* eziyi-145 yaye kwakhiwa njengangoku amagumbi okufundisela ayi-107 okanye sekugqityezelwa idizayini neepiani (*design and planning*) kwezinye zezikolo zethu ukwenzela ukwandisa ukwazi ukufikelela kwimfundo esemgangathweni. Izikolo ezilishumi njengangoku zikumanqanaba ahlukeneyo okwakhiwa kweli phondo, apho ezinye izikolo ezilishumi elinesihlanu ezisekwisigaba sokwenzelwa iiplani. Zizikolo ezilishumi elinesihlanu eziza kwakhiwa ngokutsha nesele nazo zikwisigaba sokwenzelwa iiplani, apho ezine kulindeleke ukuba zigqitywe kulo nyaka.

Ngo-2011, siza kuqhubeka nokwakhela kwiziseko esele sizakhile ukususela kulo nyaka uphelileyo. Iziphumo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke kunye neziphumo zolwazi lokufunda, ukubhala nokubala ziya kwenza sibe nako ukumisela iithagethi ezintsha zezikolo eziphakamileyo nezikolo eziziprayimari, kwakunye nalapho kufuneka sijolise khona izicwangciso zethu.

Ngasinye isigqibo esithathwa ngokunxulumene nemfundo eNtshona Koloni siya kuqhubeka sikhokelwa yimfundo yokuphucula iziphumo zabafundi kweli phondo, nokubonelela ngolwazi lokufikelela ngakumbi nangakumbi kwimfundo esemgangathweni.

DA Grant, uMphathiswa weMfundo eNtshona Koloni

Ukunikezelwa koxwebhu ngokusemthethweni

Esi siCwangciso seNtsebenzo soNyaka:


- siqulunqwe ngabaphathi beSebe leMfundo leNtshona Koloni phantsi kwesikhokelo soMphathiswa weMfundo wePhondo leNtshona Koloni
- silungiswe ngokungqinelana nesiCwangciso eSenziwe ngoBuchule esikhoyo njangangoku seSebe leMfundo leNtshona Koloni; yaye
- sibonisa ngokuchanekileyo iithagethi zentsebenzo iSebe leMfundo leNtshona Koloni eliya kuzama kangangoko ukufikelela kuzo ngokuxhomekeka kwimali efumanekayo kwibhajethi ka-2011/12.




L Ely [IGosa lezeMali eliyiNtloko]



M Harker [IGosa eliyiNtloko elijongene nezoCwangciso]



PA Vinjevold [IGosa eliMele ukuPhendula ngoSetyenziso lweMali]



Sivunywe ngulo:



DA Grant
OneGunya loLawulo

Iziqulatho

Icandelo A: Isishwankathelo sesiCwangciso	1
1. Ucazululo lweemeko eziqhubekayo	1
1.1 Umbono	1
1.2 Umnqophiso	1
1.3 Iimfundiso ezisisiseko	1
1.4 Imeko-bume yokwenziwa kweenkonzo zentsebenzo	1
1.5 Imeko engqonde isebe	3
1.6 Uhlaziyo lwemithetho nezinye izigunyaziso	4
2. Inkcazo ngebhajethi ka-2010/11 noQikelelo lweMTEF	5
2.1 Uqikelelo lwenkcitho neTheyibhile zeeNkcukacha-manani zecandelo	5
2.2 Ukungqinelanisa iimpawu eziboniswa yinkcitho neNjongo eziCwangciswe ngoBuchule	9
Icandelo B: Izicwangciso zeeziprogram neeziprogram ezisekelayo	12
3. IProgram 1: Ulawulo	12
3.1 Iinjongo zesiCwangciso eSenziwe ngoBuchule	14
3.2 Iithagethi zonyaka zeNjongo eCwangciswe ngoBuchule zango- 2011/12	14
3.3 Izalathi zeNtsebenzo kwiiProgram neethagethi zonyaka zango-2011/12	14
3.4 Iithagethi zeKota	15
3.5 Ukungqinelanisa iithagethi zentsebenzo nebhajethi neMTEF	16
3.6 Intsebenzo neempawu zenkcitho:	19
4. IProgram 2: Izikolo zikaRhulumente eziQhelekileyo	20
4.1 Iinjongo zesiCwangciso eSenziwe ngoBuchule	20
4.2 Iithagethi zonyaka zeNjongo eCwangciswe ngoBuchule zango- 2011/12	22
4.3 Izalathi zeNtsebenzo kwiiProgram neethagethi zonyaka	22
4.4 Iithagethi zeKota	24
4.5 Ukungqinelanisa iithagethi zentsebenzo nebhajethi neMTEF	25
4.6 Intsebenzo neempawu zenkcitho:	33
5. IProgram 3: Iinkxaso-mali zeZikolo eziZimeleyo	34
5.1 Injongo zesiCwangciso eSenziwe ngoBuchule	34
5.2 Iithagethi zonyaka zeNjongo eCwangciswe ngoBuchule zango- 2011/12	34
5.3 Izalathi zeNtsebenzo kwiiProgram neethagethi zonyaka	34
5.4 Iithagethi zeKota	34
5.5 Ukungqinelanisa iithagethi zentsebenzo nebhajethi neMTEF	35
5.6 Intsebenzo neempawu zenkcitho:	37

Icandelo B: Izicwangciso zeeprogram neeprogram ezisekelayo (zisaqhutywa)

6.	IProgram 4: Imfundo yeSikolo esineeMfuno eziZodwa sikaRhulumente	38
6.1	Injongo yesiCwangciso eSenziwe ngoBuchule	38
6.2	lithagethi zonyaka zeNjongo eCwangciswe ngoBuchule zango- 2011/12.....	38
6.3	Izalathi zeNtsebenzo kwiiProgram neethagethi zonyaka	39
6.4	lithagethi zeKota	39
6.5	Ukungqinelanisa iithagethi zentsebenzo nebhajethi neMTEF.....	40
6.6	Intsebenzo neempawu zenkcitho:	41
7.	Iprogram 5: IMfundo noQeqesho oluQhubekayo	42
7.1	Injongo yesiCwangciso eSenziwe ngoBuchule	42
7.2	lithagethi zonyaka zeNjongo eCwangciswe ngoBuchule zango- 2011/12.....	43
7.3	Izalathi zeNtsebenzo kwiiProgram neethagethi zonyaka	43
7.4	lithagethi zeKota	43
7.5	Ukungqinelanisa iithagethi zentsebenzo nebhajethi neMTEF.....	44
7.6	Intsebenzo neempawu zenkcitho:	45
8.	Iprogram 6: IMfundo noQeqesho oluQhubekayo	46
8.1	Injongo yesiCwangciso eSenziwe ngoBuchule	46
8.2	lithagethi zonyaka zeNjongo eCwangciswe ngoBuchule zango- 2011/12.....	46
8.3	Izalathi zeNtsebenzo kwiiProgram neethagethi zonyaka	46
8.4	lithagethi zeKota	46
8.5	Ukungqinelanisa iithagethi zentsebenzo nebhajethi neMTEF.....	47
8.6	Intsebenzo neempawu zenkcitho:	48
9.	Iprogram 7: Uphuhliso lweMfundo yaBantwana aBasaqalayo	49
9.1	Injongo yesiCwangciso eSenziwe ngoBuchule	49
9.2	lithagethi zonyaka zeNjongo eCwangciswe ngoBuchule zango- 2011/12.....	49
9.3	Izalathi zeNtsebenzo kwiiProgram neethagethi zonyaka.....	50
9.4	lithagethi zeKota	50
9.5	Ukungqinelanisa iithagethi zentsebenzo nebhajethi neMTEF.....	51
9.6	Intsebenzo neempawu zenkcitho:	52
10.	IProgram 8: linkonzo eziNcedisayo neziNxulumene nazo	53
10.1	Injongo yesiCwangciso eSenziwe ngoBuchule	53
10.2	lithagethi zonyaka zeNjongo eCwangciswe ngoBuchule zango- 2011/12.....	53
10.3	Izalathi zeNtsebenzo kwiiProgram neethagethi zonyaka.....	54
10.4	lithagethi zeKota	54
10.5	Ukungqinelanisa iithagethi zentsebenzo nebhajethi neMTEF.....	55
10.6	Intsebenzo neempawu zenkcitho:	55

ICandelo C: Uqhagamshelwano nezinye izicwangciso	56
11. Uqhagamshelwano neziseko zophuhliso zethuba elide nezinye izicwangciso zemisebenzi yokwakha	56
12. Iigranti ezikhutshwa phantsi kwemiqathango	65
13. Amaqumrhu axhaswa ngurhulumente (<i>Public entities</i>)	65
14. Amaphulo obambiswano phakathi kukarhulumente namaqumrhu abucala	65

Izihlomelo

15. Imilinganiselo yoNtsebenzo yeeProgram	66
16. Isicwangciso sokuza Kwenziwa ngo-2014 Izalathi	75
17. IiNjongo zesiCwangciso eSenziwe ngoBuchule kwisiCwangciso seMinyaka emiHlanu, esihlenga-hlengiswe kwi-APP 2011– 2013	76
18. Inkcazo yesigama	79

ICandelo A: Isishwankathelo sesiCwangciso (*Strategic overview*)

1.1 Umbono

Ukudala amathuba amahle omntu wonke ngokuphucula iziphumo zokufunda

1.2. Umnqophiso

Ukubonelela ngemfundo esemgangathweni kubo bonke abafundi kwiphondo ngokwenza ezi nkonzongundoqozilandelayo:

- Ucwangciso nolawulo lwenkqubo yemfundo iphela
- Ukunika inkxaso kumaziko emfundo karhulumennte
- Imfundo kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo
- Ukunika inkxaso kwizikolo ezizimeleyo
- Imfundo kwizikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa zikarhulumente
- Imfundo noQeqesho oluQhubekayo kwiikholeji zeFET zikarhulumente
- Imfundo noQeqesho lwaBadala (*AET*) kumaziko emfundo oluntu
- Uphuhliso lweMfundo yaBantwana aBasaqalayo (*ECD*) kwiBakala R
- Amathuba oqeqesho kootitshala nakwabangezotitshala
- Ukunika inkxaso umntwana ngokupheleleyo ngokwandisa ulwazi nge-HIV/AIDS; ukubonelela ngokutya abafundi abaqatshelwe njengabathwaxwa yintlupheko nendlala ukwenzela ukuba bafunde ngokuyimpumelelo; kunye nokukhuthaza ukuba indawo engqonge isikolo ibe yekhuselekileyo
- Ukunika inkxaso ootitshala ngokubonelelwa kwabo ngeemeko zengqesho ezifanelekileyo, iiprogram zenkuthazo (*incentives*) nezempilo-qete yabasebenzi

1.3. Iimfundiso ezisisiseko

- Ukubeka phambili umfundi ngokubaluleka
- Iimfundiso ezisisiseko zoMgaqo-siseko woMzantsi Afrika noMqulu wamaLungelo (*Bill of Rights*)
- Ukugqwesa ngokuthi kubonelelwe ngabasebenzi abangootitshala abaneenjongo eziphakamileyo nabaqhubela phambili, ngokubanika inkxaso nangokubaxhobisa
- Ukwazi ukuphendula kwabo baphetheyo ngoxanduva lwabo nokwenzela izinto elubala
- Ukugqwesa nokuba novelwano kwimisebenzi yolawulo nenika inkxaso
- Ukuqaphela nokungqina ukugqwesa kootitshala nenkxaso yokufikelela kule njongo

1.4. Imeko engqonge ukwenziwa kweenkonzo

Kubekho ukuphucuka okuzingisileyo kwiziphumo zokufunda kwizikolo eziziprayimari nezikolo eziziisekondari. Nakuba kunjalo, abantwana abaninzi bePhondo leNtshona Koloni bayoyisakala kukuphuhlisa iitalente zabo zokuqhuba kakuhle ezifundweni. Oku kubangelwe ikakhulu zezi zinto zilandelayo nezithathelwa ingqalelo njengangoku:

- Ixesha elinganelanga nokungahoyi ukufunda, ukubhala nokubala kumabakala amathathu okuqala esikolo
- Ukufadalala ukuphendula ngoxanduva lwentsebenzo yabo kwamagosa esebe lemfundo nootitshala
- Ulawulo lwezikolo oluyeke-yeke nobunkokeli obukwanjalo (*weak school management and leadership*). Oku kubandakanya ukungabikho kolawulo lweprogram yokufundisa
- Ukuphendula kade ngokuzwabaluka nenkxaso encinane yesebe lemfundo
- Ukuhla komoya wokuzimisela ukusebenza kootitshala (*low morale of teachers*)
- Ukungeneli kweencwadi zezifundo (*textbooks*) nezinye izincedisizokuxhasa ukufunda
- Izinto ezimbi zasentlalweni ezinjengobuhlwempu nolwaphulo-mthetho
- Ukuhla komgangatho weziseko zophuhliso (*infrastructure*) zezikolo
- Isiqhelo esidala sokungafakwa kwemali ngokwaneleyo (*legacy of underinvestment*) kwiinkalo eziliqela eNtshona Koloni
- Uxinzelelo olubangelwa luluntu olufudukela apha eNtshona Koloni

Indibaniselwano yezi meko ibe ngunobangela wokuqhuba kakubi kwabafundi ezifundweni: Nakuba kunjalo, ezi meko zibonisa iimpawu zokuba bhetele.

- Ngo-2010, ireyithi yokupasa kwabafundi beBakala 12 inyukile ukuya kutsho ku-76.8%, yaze ngokwenza njalo yatshintsha ukuhla komgangatho kweminyaka emi-5 ukuqala ku-2004 kuye - 2009.
- Kubekho ukuhla kwinani lezikolo eziphakamileyo eziqhuba kakubi (izikolo ezipaselwe ngaphantsi kwereyithi engu-60% kwiBakala 12) eNtshona Koloni, ukuhla ukusuka ku-84 ngo-2009 ukuya ku-78 ngo-2010. Nakuba kunjalo, izikolo eziyi-39 kweziyi-84 zibonise ukunyuka kumanani abo basasileyo.
- Iziphumo zolwazi lokufunda nokubhala nolwazi lokubala njengoko ziye zalinganiswa (*as measured*) kubafundi bamaBakala 3-no-6 zibonisa ukuba abafundi abakwazi kufunda, kubhala nakubala ngokwamanqanaba afanelekileyo kula mabakala. Esi siseko siyimfuneko ukunika inkxaso ekufundeni kumabakala alandelayo.

Ngo-2010, iYunivesithi yaseStellenbosch yaqhuba uphando ngeendlela zokufundisa (teaching practices) kwiSigaba seSiseko kwizikolo eziyi-27 zaseNtshona Koloni. Uphando lwafumanisa ukuba kukho iimpawu ezinika ithemba zokuphucuka kokusebenza ezikolweni nexesha elandileyo elichithwa ekufundiseni nasekufundeni. Nakuba kunjalo, kwizikolo ezininzi isantya sokufundisa siyacotha kakhulu yaye nenqanaba lokuqonda kwabafundi lisezantsi kakhulu. Uphando lukwafumanise nokuba kukho ubungqina bokunqaphazeka kweencwadi zezifundo nokungasetyenziswa kwazo kangako, ixesha elilahlekileyo ngenxa yeziphazamiso nobunkokeli bootitshala ekufundiseni bukumgangatho osezantsi.

ISEbe iWCED limsebenzise u-2010 ekubekeni iithagethi nezikolo nezithili zemfundo nokubonelela ngenkxaso elungiselelwe ezo meko apho ibifuneka ngamandla, lo gama izikolo eziqhuba kakuhle ziye zayekwa ukuba zizilawulele iiprogram zazo ngokwazo. Iprogram yeZikolo eziPhakamileyo, eyabandakanya ukufundisa okongezelelweyo, yenzelwa ukunciphisa inani lezikolo eziqhuba kakubi.

Inkonzo ephuculweyo yeSebe iWCED eyenzelwa izikolo yabandakanya oku kulandelayo:

- Izibonelelo (ezingabasebenzi, izibonelelo ezizincwadi (*text*) neziyimali) zisetyenziselwe ukuphucula inkxaso enikwa izikolo. Amanyathelo athathwayo abandakanya ukulungiswa ngokutsha kwezithuba zengqesho apho, umzekelo, kwaye kwapapashwa izithuba zokubambela zabasekondiwewayo kwaza kwabonelelwa nangezithuba ezongezelelweyo kwezo zikolo zizifunayo.
- Kwaqulunqwa isicwangciso seziseko zophuhliso (*infrastructure plan*) esonga iindleko, nesabekwa sayiprayorithi ephambili esiza nezinto ezintsha saza sandiswa ukwenzela ukuba kujongwane nemiba esileleyo (*backlogs*) nokwanda kwamanani abafundi.
- Kwathathwa isigqibo sokuba iza kuba ngamagosa, kungabi ngababoneleli-nkonzo, aza kuqhuba iikhosi eCape Teaching and Leadership Institute (CTL). Oku kwaqinisekisa ukonga iindleko ezinkulu yaye imali ebiza kusetyenziswa koku isiwwe ekuthengeni iincwadi zezifundo
- Izithuba ezikwaNdlunkulu kuwo onke amanqanaba ezithuba, azizanga zizaliswe yaye imfuno yazo zonke izithuba iya yaqwalaselwa kwakhona (*evaluated*). Isiphumo soku kukuba amagosa makongeze eminye imisebenzi ukwenzela ukuba kubenokongiwa imali ethe kratya yokusetyenziswa ekunikeneni inkxaso ezikolweni. Okunxulumene noku ibe kukutshintshwa kokwenziwa kwemisebenzi ukwenzela ukuba uNdlunkulu athwale uxanduva lokunika inkxaso izikolo ezizimeleyo, kwaza ngaloo ndlela kwanika umtyhi kwizithili zemfundo.
- Inkqubo yezemfundo iye yahlenga-hlengiswa kwiinkalo zonke ukwenzela ukuba kunikwe inkxaso ukuqhuba kakuhle kwezikolo kwizifundo.
- Unxibelelwano nezikolo luphuculwe ukulungiselela ukuba lusebenze kakuhle nangokufanelekileyo. Umzekelo, kubonelelwe kwasekuqaleni ngekhalenda engeenkqubo zezinto eziza kwenziwa ngonyaka.
- Kuthathwe isigqibo sokuba kubekho izintlu ezintlanu (5) qho ngonyaka zezithuba zengqesho, xa kuthelekiswa nezimbini zithuba langaphambili, ukwenzela ukuba kuqinisekise ukubanako ukuqwalasela imfuno yezikolo yootitshala bokufundisa. Oku kuye kwancediswa yiprogram yokukhuthaza izikolo ukuba zibone ukuba izithuba zipapashwa kwangoko ukuncedisa ekunikezeleni iintambo ngaphandle kwamagingxi-gingxi. Kuye kwabakho iprogram yoqeqesho nokunika iingcebiso ukwenzela ukuphuculwa kwesakhono sokusebenza ngempumelelo. Ngenxa yokuba izithuba zizaliswe ngokukhawuleza, ukufunda nokufundisa kuye kwazinziswa.
- Kumiselwe iinkqubo zokunciphisa ukuphazamiseka kwexesha lokufundisa. Ezi nkqubo zibandakanya imbalelelwano yokukhumbuzwa iinqununu nootitshala ukuba kufanele kungabikho ziphazamiso kwiprogram yokufundisa ngenxa yeendwendwe ezihambela izikolo, iINGOs nezinye izinto eziqhubeka esikolweni. Zonke iintlanganiso nootitshala zifanele ukuqala ngo-15:00, emva kokuphela kwexesha leeyure zesikolo zokufundisa eziqhelekileyo. Lincitshiswe kakhulu inani leentlanganiso neenqununu nootitshala; ingcaciso enokuhanjiswa ngekhompyutha ithunyelwa ngeli jelo. ISebe iWCED liphumeze ummiselo ocacisa ukuba isikolo masifake isicelo kumlawuli wesithili phambi kokuba abafundi basiwe kuhambo lwezemfundo (*excursion*). ISebe iWCED linike izikolo imihla ekunoqala ngayo iimviwo zangaphakathi ngoJuni nangoNovemba, kwakunye nowona mhla uphambili wokugqiba uviwo. Ikhosi zophuhliso lootitshala kuLwazi lokuFunda nokuBhala noLwazi lokuBala ziqhutywa ngethuba leeholide zezikolo.

ISaveyi yesibini yaqho ngonyaka i *Customer Satisfaction Survey* eyaqhutywa ngo-2010 ibonise ukuba izikolo zizireyithe iinkonzo zizonke zee-ofisi zezithili zemfundo phantse ngamanqaku aphindwe kabini kunalawo ango-2009, kwakunye nelinye iqela lezalathi ezithembisayo (*promising indicators*).

Baye banda abantu baseNtshona Koloni ukususela ngobalo-bantu (*census*) lokugqibela luka-2001 kwaye oku kusaqhubeka. Ngokoqikelelo lwamanani abantu lwaphakathi enyakeni ka-2009, olukhutshwe liZiko leeNkcukacha-manani loMzantsi Afrika (*i-Stats SA*) ngomhla we-27 Julayi 2009, iNtshona Koloni ilikhaya kubantu abamalunga ne-5,224 yezigidi, nto leyo emele i-10,4% yabantu baseMzantsi Afrika bebonke. Amanani abemi baseNtshona Koloni abonisa elona nani liphezulu lokuphila (*highest life expectancy*) ngethuba lokuzalwa kwabantwana abangamakhwenkwe nabangamantombazana.

ISebe iWCED, ngokusebenzisana namanye amasebe karhulumente nemibutho yabahlali, lidlala indima yokunciphisa ifuthe elibi lobuhlwempu nolwaphulo-mthetho ngokuthi libonelele ngokutya nangamanye amanyathelo okuhlangabezana neemfuno zabafundi abahlwempuzekileyo

Kubalulekile ukuba izikolo zigcinwe zikhuselekile ngokuthi kuthathwe amanyathelo okhuseleko lwezakhiwo (*physical safety measures*), intsebenziswano engaphezulu neSAPS neMetro Police nokuthatha inxaxheba kwabahlali ekukhuseleni izikolo. Ukongeza apho, iSebe iWCED kunye namanye amasebe karhulumente ne-SAPS baya kuqhubeka nokufika bengazisanga ngokuza kwabo, basetshe benze novavanyo ezikolweni ukukhangela iziyobisi nezixhobo.

URhulumente wePhondo leNtshona Koloni ubalule (*identified*) iinjongo zesiCwangciso sePhondo eziyi-12 (*12 Provincial Strategic Objectives*). ISebe iWCED lilo elikhokelayo kwiinjongo yesiCwangciso seSebe 2 kwaye linika inkxaso zonke ezinye iinjongo ezilishumi elinanye ngeendlela ngeendlela nangokwamanqanaba ahlukeneyo. Ezi Njongo ziyi-12 zezi zilandelayo:

1. Ukudala amathuba okuhluma nawemisebenzi
2. Ukuphucula iziphumo zezifundo ngo-2010-2019
3. Ezothutho ezihlanganisiweyo
4. Ukwandisa impilo qete
5. Ukwandisa ukhuseleko ngo-2010-2019
6. Ukuvelisa inkqubo zokuhlaliswa kwabantu ngokuhlangeneyo nezinokuhlala zisebenza ixesha elide
7. Ukuphucula ngamandla izikololo eziqhelekileyo nokusetyenziswa ngempumelelo kakhulu kwezibonelelo
8. Ukwandisa ukuhlala ngemvano kwamaqela ngamaqela oluntu
9. Ukunciphisa ubuhlwempu
10. Ukuhlanganisa ukwenziwa kweenkonzo ukwenzela ukuba zenziwe ngempumelelo enkulu
11. Ukudala amathuba okuhluma nophuhliso kwiingqingqi zamaphandle
12. Ukwakha urhulumente wephondo ongoyena ulawulwa ngokugqwesileyo ehlabathini

ISebe leMfundo esiSiseko liqaphele izalathi eziliqela njengenxalenye ye-*"Action Plan 2014"* (Izinto eziza kwenziwa ngo-2014). Ezi zalathi zidweliswe kwisiHlomelo B. Iqela elikhulu lezi zalathi belidweliswe kwi-*WCED Five Year Plan* yaye inkqubela xa kuthelakiswa neethagethi zenkqubela kwizifundo sele ithathelwe ingqalelo kule APP. ISebe leMfundo esiSiseko liya kuba linika ingxelo ngesethi epheleleyo yezalathi zakuba zonke iinkcukacha ziqalile ukusetyenziswa.

1.5. Imeko engqonde isebe (*organisational environment*)

ISebe ke ngoko linezicwangciso zokunika ingqwalasela ekukhuthazeni umoya wokukhawuleza kuphendulwe iingxaki zabantu nokusebenza ngempumelelo nokuphucula iinkqubo neesistim zokwenziwa kowona msebenzi uphambili weSebe leMfundo. UNdlunkulu nee-Ofisi zeZithili zeSebe iWCED zihlenga-hlengiswe zaza zalungiselelwa ukuba zibonelele ngenkonzo yokunika impendulo ekhawulezileyo nenkxaso kwizikolo nakootitshala.

ISebe iWCED, lenziwa yi-Ofisi yeMfundo yePhondo ekhokelwa nguMphathiswa wePhondo eNtshona Koloni, i-ofisi kandlunkulu wephondo, ii-ofisi zezithili zemfundo kunye namaziko emfundo, abandakanya izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nezikolo zabafundi abaneemfuno zemfundo ezizodwa, iikholeji ze-FET, amaziko oluntu emfundo yabadala namaziko ophuhliso lwabantwana abasaqalayo (*ji-ECD sites*).

1.6. Uhlaziyo lwemithetho nezinye izigunyaziso

Izigunyaziso ezibonelelwe kwisiCwangciso soBuchule seminyaka emiHlanu zezangoku yaye zinale miba inxaxhileyo (*exceptions*):

Nge-8 Disemba 2010, kwabhengezwa uMthetho oFakela iZilungiso kuMthetho weMfundo weZikolo zePhondo leNtshona Koloni, uMthetho No 7 ka-2010 (*Western Cape Provincial School Education Amendment Act No 7 of 2010*) waza wapapashwa kwiGazethi kaRhulumente eYodwa No. 6823 (*Provincial Gazette Extraordinary No 6823*) ukwenzela ukufakelwa kwezi zilungiso zilandelayo kuMthetho oyintloko:

- ukungqinelenisa uMthetho weMfundo weZikolo zeNtshona Koloni, 1997 kunye noMthetho weZikolo zaseMzantsi Afrika, (uMthetho 84 ka-1996);
- ukwandisa kwamagunya omphathiswa wezemfundo wephondo ekuqinisekiseni umgaqo-nkqubo wezemfundo wephondo, namagubya entloko yesebe okwenza imithetho ethile;
- ukwenza amalungiselelo okuhlolwa kwezikolo ukwenzela iinjongo ezithile;
- ukulawula ngokutsha ukusekwa nemisebenzi yeBhunga lezeMfundo lephondo;
- ukuthintela imisebenzi yezopolitiko ezikolweni ngexesha lesikolo;
- ukulungiselela ukwahlula phakathi kwezikolo zemfundo eneemfundo ezizodwa zabafundi abanezithintelo ekufundeni nezikolo ezixininisa kwizifundo ezithile;
- ukugunyazisa umphathiswa wephondo ukuba amisele imimiselo nemigangatho emalunga neziseko zophuhliso ezizezona zamkelekileyo nokubanako ukwenza umsebenzi kwezikolo zikarhulumente;
- ukuthintela izixhobo eziyingozi, iziyobisi ezingekho mthethweni notywala obunxiliso kumasango esikolo;
- ukuthintela ukuhlawulwa kweentlawulo ezingagunyaziswanga kubaqeshwa abathile;
- ukubonelela ngokuba ootitshala abathile baya kuthathwa njengabayekisiweyo ukusebenza kwiimeko ezithile;
- ukunciphisa ixesha elimisiweyo lokufaka izikhalazo; kunye
- nokwandisa amagunya omphathiswa wephondo okwenza imimiselo nokutshintsha amabinzana-gama athile aphelelwe lixesha.

ISebe leMfundo esiSiseko (DBE) lapapasha uMthetho oYilwayo oFakela iZilungiso kwiMthetho yeMfundo esiSiseko 2009, kwiGazethi kaRhulumente No 32790 nge-9 Disemba 2009. Iinjongo zalo Mthetho uYilwayo zezi:

- kukufakela izilungiso kwiingcaciso-magama zoMlawuli-Jikelele, iziko lemfundo, uMphathiswa ukwenzela ukuba kuboniswe ukudaleka kwe-Ofisi yoMphathiswa neSebe leMfundo esiSiseko;
- kukufakela izilungiso kwakhona kwiingcaciso-magama zomzali nemali-mboleko;
- kukubonelela ngemisebenzi eyongezelelweyo yenqununu;
- kukuqinisekisa ukuba uqeqesho lwamabhunga olawulo lwanziwa kwimibutho yamabhunga olawulo aziwayo;
- nokubonelela ngokuthintelwa kwemisebenzi engeyiyo eyokufundisa ngexesha lesikolo; phakathi kwezinye izinto.

Emva kokuthathela ingqalelo iikhomenti zoluntu, uMphathiswa weMfundo esiSiseko wabhengeza injongo yakhe yokungenisa uMthetho oYilwayo kwiNdlu yoWiso-Mthetho yeSizwe (*National Assembly*). IKomiti eNyulelwe oku (*Standing Committee*) yasePalamente ibhengeze injongo yayo yokubamba iintlanganiso zikawonke-wonke (*public meetings*) kwasekuqaleni ku-2011.

Umgaqo-nkqubo kazwelonke woKubonelelwa ngokuLinganayo kweNdawo eKhuthaza ukuFunda nokuFundisa (*Equitable Provision of an Enabling School Physical Teaching and Learning Environment*) wabhengezwa nge-11 Juni 2010 (Vol. 540, No. 33283). **Imimiselo** (imimiselo nemigangatho) emalunga nomgaqo-nkqubo sele iqalisiwe ukupapashwa kwigazethi karhulumente.

Umgaqo-nkqubo woKuhamba kwaBafundi iSikolo (*Policy on Learner Attendance*) wafakwa kwigazethi nge-4 Meyi 2010 waza waphunyezwa kuzo zonke izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nezemfundo eneemfundo ezizodwa ukususela nge-1 Januwari 2011. Injongo ebanzi yalo mgaqo-nkqubo kukuba zonke izikolo zikarhulumente eMzantsi Afrika zikhuthaze zize zigcin omoya wokuhamba kwabafundi isikolo rhoqo. Ukuhamba isikolo kwabafundi rhoqo kuza kuba luphawu lokuzingca kwizikolo zethu yaye kuyimfuneko ephambili ekufundiseni nasekufundeni okusemgangathweni. Isikolo ngasinye sinoxanduva lokukhusela ilungelo elisisiseko lomfundi ngamnye lokufumana imfundo yaye ubhaliso kwisikolo lufaka umfundi phantsi kwembopheleleko yokuba ahambe isikolo kwaye afike ngexesha rhoqo, ngaphandle kokuba kukho isizathu esivakalayo sokungabikho esikolweni. Injongo yalo mgaqo-nkqubo (a) kukukhuthaza ukufika ngexesha nokuhamba isikolo rhoqo kwizikolo zikarhulumente; kunye (b) nokubonelela izikolo zikarhulumente namasebe emfundo amaphondo ngeenkqubo ezifanayo zokurekhoda, ukulawula nokubeka esweni inkqubo yokuhamba isikolo kwabafundi.

2. Isishwankathelo sebhajethi ka2010/11 noQikelelo (*estimates*) lweMTEF

2.1 Uqikelelo lwenkcitho neetheyibhile zamacandelo athile

ST001	Icandelo leMfundo yePhondo –limpawu eziphambili (<i>Key trends</i>)					
	2008/09 Eyiyi kanye	2009/10 Eyiyi kanye	2010/11 Eqikelelweyo	2011/12 Eqikelelweyo	2012/13 Eqikelelweyo	2013/14 Eqikelelweyo
Ingeniso (<i>Revenue</i>) (R'000)*						
Isixa esabelwa amaqela ngokulinganayo (<i>Equitable share</i>)	8,764,824	10,283,802	11,073,016	12,078,124	12,761,208	13,470,885
Iigranti ezikhutshwa phantsi kwemiqathango	298,188	302,764	894,103	1,176,991	1,288,612	1,402,087
Inkxaso-mali yezipho-mali (<i>Donor Funding</i>)	0	0	0	0	0	0
UVimba wee-asethi zemali (<i>Asset Finance Reserve</i>)	105,000	0	8,219	52,703	0	0
Ingeniso yeSebe (Own revenue)	24,466	26,747	22,874	24,025	24,533	25,065
Itotali	9,192,478	10,613,313	11,998,212	13,331,843	14,074,353	14,898,037
Iintlawulo ngeprogram nganye (R'000)*						
1 EzoLawulo	461,409	507,030	590,268	613,731	646,729	686,474
2 Imfundo kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo (jonga ukwahlulwa kwazo ngakumbi apha ngezantsi)	7,435,334	8,602,087	9,648,913	10,774,200	11,325,002	11,989,753
3 Iinkxaso-mali zezikolo ezizimeleyo	44,119	55,522	59,709	64,188	68,681	73,488
4 Imfundo kwizikolo zemfundo eneemfundo ezizodwa zikarhulumente	520,399	634,604	728,163	804,938	861,076	916,079
5 Imfundo noQeqesho oluQhubekayo	367,190	368,917	447,043	527,117	576,220	649,704
6 Imfundo noQeqesho lwaBadala	26,838	29,479	32,710	33,919	35,795	37,805
7 UPuhliso lweMfundo yaBantwana aBasaqalayo (<i>ECD</i>)	228,748	288,620	365,586	378,240	416,640	391,795
8 Iinkonzo ezincedisayo nezinxulumene nazo	108,441	127,054	125,820	135,510	144,210	152,939
Itotali	9,192,478	10,613,313	11,998,212	13,331,843	14,074,353	14,898,037

ST001	Icandelo leMfundo yePhondo –limpawu eziphambili					
	2008/09 Eyiyi kanye	2009/10 Eyiyi kanye	2010/11 Eqikelelweyo	2011/12 Eqikelelweyo	2012/13 Eqikelelweyo	2013/14 Eqikelelweyo
lintlawulo kwimfundo yezikolo zikarhulumente eziqhelekileyo (R'000)*						
2.1 Izikolo eziziiprayimari zikarhulumente	4,086,516	4,782,769	5,421,742	5,976,749	6,453,893	6,649,808
2.2 Izikolo eziziisekondari zikaRhulumente	2,874,010	3,118,546	3,349,202	3,645,978	3,644,467	3,989,409
lintlawulo ngokohlelo lwezoqoqosho (R'000)*						
Intlawulo yangoku	7,908,367	9,194,632	10,316,174	11,349,935	11,936,896	12,607,855
Imbuyiselo yabaqeshwa	7,089,690	8,214,843	9,326,944	10,135,942	10,642,639	11,294,897
- Ootitshala	6,269,448	7,143,095	8,090,197	8,815,101	9,249,266	9,813,542
- Abangezotitshala	820,242	1,071,748	1,236,747	1,320,841	1,393,373	1,481,355
limphala neenkonzoz nezinye iintlawulo ezikhoyo ngoku (<i>current</i>)	818,677	979,789	989,230	1,213,993	1,294,257	1,312,958
imali ezihlawulweyo (<i>transfers</i>) neenkxaso-mali	1,077,123	1,164,546	1,213,639	1,384,464	1,478,849	1,600,784
lintlawulo zee-asethi ii- <i>capital assets</i>	206,988	254,135	468,399	597,444	658,608	689,398
Itotali	9,192,478	10,613,313	11,998,212	13,331,843	14,074,353	14,898,037
Iinkcukacha-manani zobuchule (zamacandelo ngokubanzi)						
Ukuqeshwa kwabasebenzi (<i>Staffing</i>)						
Inani lootitshala (abaqeshwe ngurhulumente)	31 401	31 965	31 696	31 000*	31 000*	31 000*
Inani labangezotitshala (abaqeshwe ngurhulumente)	8 750	8 851	8 790	8 800**	8 800**	8 800**
Ubhaliso kwinqanaba elinyanzelekileyo						
Abafundi abakubudala beminyaka eyi-6 –15 kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo	715 151	721 443	731 818	732 000	732 000	732 000
Abafundi abakubudala beminyaka eyi-6 –15 kwizikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa zikarhulumente	9 208	10 047	10 195	10 300	10 400	10 500
Abafundi abakubudala beminyaka eyi-6 –15 kwizikolo ezizimeleyo	20 064	25 776	27 625	27 600	27 600	27 600
Itotali	744 423	757 266	769 638	769 900	770 000	770 100

ST001	Icandelo leMfundo yePhondo –limpawu eziphambili					
	2008/09 Eyiyo kanye	2009/10 Eyiyo kanye	2010/11 Eqikelelweyo	2011/12 Eqikelelweyo	2012/13 Eqikelelweyo	2013/14 Eqikelelweyo
Ubhaliso kwinqanaba elisemva kwelinyanzelekileyo						
Abafundi abakubudala beminyaka eyi-16 –18 kwizikolo zikarhulumente eziqhelekileyo	182 454	181 645	183 815	184 000	185 000	186 000
Abafundi abakubudala beminyaka eyi-16 –18 kwizikolo zemfundo eneemfundo ezizodwa zikarhulumente	6 614	6 917	7 398	7 450	7 500	7 550
Abafundi abakubudala beminyaka eyi-16 –18 kwizikolo ezizimeleyo	6 599	7290	7 532	7 550	7 550	7 550
Abafundi (<i>Students</i>) abakwiikholeji zeFET abakubudala be-16-18	4 000	6 170	4 249	6 000	7 000	8 000
Itotali	199 667	202 022	202 994	205 000	207 050	209 100
Amanani abemi belizwe						
Abemi ababudala buyi-6-15	994 084	1 006 113	1 006 113	1 100 000	1 100 000	1 100 000
Abemi ababudala buyi-16-18	286 337	289 167	300 000	300 000	300 000	300 000
<p>*Inani lika-2010/11 liluqikelelo oluhlaziyiweyo</p> <p>Makuqatshelwe ukuba oku akubandakanyi abafundi beBakala R okanye abafundi abangaphezu kweminyaka eyi-18 ubudala abakwisistim. Ngo-2007/08 kwabalwa amanani abemi ukususela kubudala be-7 ukuya ku-14 yeminyaka Ukususela ku-2009/10 isithuba kwiminyaka yobudala (<i>interval</i>) yangaphambili satshintsha ukusuka ku-7 –14 neminyaka eyi-15-17 kudidi olutsha luka-6 -15 iminyaka nokusuka ku-16 ukuya ku-18 iminyaka.</p> <p>* I-<i>Approved Post Distribution Model</i> ka- 2011 ngu-30989 (<i>Rounded to 31000</i>)</p> <p>** Abasebenzi beNkonzo kaRhulumente ukususela kwi-30 Novemba 2010 ibingu-8796 osondezwe ku-8800 (ingxelo yaqho ngeveki yomhla we-29 Novemba 2010)</p>						

ST002	Icandelo lemfundo yephondo – lireyithi zobhaliso ngokweminyaka yobudala kanye babafundi (2010)[1]									
	2.1 Izikolo ezizii-prayimari zikarhulumente	2.2 Izikolo ezizisekondari zikarhulumente	3 Izikolo ezizimeleyo	4.1 Izikolo zemfundo eneemfundo ezizodwa zikarhulumente	4.2 Izikolo zemfundo eneemfundo ezizodwa ezizimeleyo	5 likholeji zeFET (Ubalo lweziqu)	6 A(B)ET	7 ECD	Amanani abemi belizwe	Ireyithi yobhaliso ngokweminyaka yobudala kanye babafundi
Ubudala -6	12 294		2 639	274	5			24 869		
Ubudala -6	51 952		2 711	289	4			5 669	93 705	64.7%
Ubudala -7	76 000		3 093	412	22			63	93 264	85.3%
Ubudala -8	75 130		2 819	492	30				92 755	84.6%
Ubudala -9	77 337		2 990	694	37				92 176	87.9%
Ubudala -10	77 409		2 695	839	57				91 440	88.6%
Ubudala -11	75 335		2 621	952	60				90 751	87.0%
Ubudala -12	73 676	31	2 515	1 039	60				90 297	85.6%
Ubudala -13	73 538	3 518	2 683	1 134	44				90 078	89.8%
Ubudala -14	28 869	47 346	2 729	1 545	49				90 096	89.4%
Ubudala -15	10 353	61 324	2 769	3 205	43	52			89 665	86.7%
Ubudala -16	2 902	66 700	2 669	3 386	41	302	1 115		89 078	86.6%
Ubudala -17	345	63 641	2 709	2 642	45	1148	703		89 162	79.9%
Ubudala -18	68	50 159	2 154	1 494	38	2747	1 383		89 918	64.6%
Ubudala -18	6	37 126	1 195	482	52	41 333	36 919			
Itotali	622 914	292 719	35 157	18 123	530	4 249	3201	5 732	1 182 385	83.1%

Makuqatshelwe: litotali zabafundi ababudala buyiminyaka eyi-<6 neyi- >18 azidityaniswa kwiitotali kumqolo wokugqibela kodwa zibaliwe kwipesenti yabo bonke engu-83.1%. Ikhohlam ye-ECD ibandakanya kuphela abafundi abakumaziko azimeleyo. Abo bakwizikolo zikarhulumente ezizimeleyo badweliswe phantsi kweProgram 2.1

ST003	Icandelo lemfundo yephondo -Izithuba zabasebenzi ezikhutshwa ngokwemimiselo yolwabiwo-mali (2010)				
Iiprogram/Injongo yezithuba zengqesho	Izithuba zeNqanaba 1	Izithuba zeNqanaba 2	Izithuba zeNqanaba 3	Izithuba zeNqanaba 4	Itotali
Izithuba ekuya kuqalwa ngazo (<i>topslced</i>)	0	0	0	0	0
Izithuba ezabiwe ngokwemodeli	21,000	4,300	1,400	0	28,300
Imfundo yesikolo sikarhulumente esiqhelekileyo	19,600	4,000	1,300	0	26,400
Izikolo eziziiprayimari zikarhulumente	12,200	2,400	0	800	16,500
Isigaba sesekhondari sezikolo zikarhulumente	7,400	1,600	500	400	9,900
Izikolo zemfundo eneemfundo ezizodwa zikarhulumente	1,300	250	100	100	1,750
Itotali	21,000	4,300	1,400	0	28,300

Umthombo wedatha (Source): I-Post Provisioning Model 2011(Rounded)

Ubalo lusekelwe kwi-*Post Distribution Model* ka-2010 nokugcina ukuzinza kumaziko.

ST004	Icandelo lemfundo lephondo – Utyalo-mali kuphuhliso lwezakhono zabasebenzi (2010/11)							
	Prog 1 Admin	Prog 2 POS	Prog 3 Indep	Prog 4 Spec	Prog 5 FET	Prog 6 ABET	Prog 7 ECD	Itotali
Inkcitho (R 000)			-	-	-	-	-	
Ootitshala abasaqeqeshwayo	9,525	14,625	-	-	-	-	-	24,150
Ootitshala	5,840	14,600	-	-	-	-	-	20,440
Iiprogram zezakhono	1,687	10,425						12,112
Uqeqesho lotshintsho lwekharithulam	-	-	-	-	-	-	-	-
Olunye uqeqesho lwabo basesenkonzweni	2,812	618	-	-	-	-	-	3,430
Uqeqesho kwi-HIV/AIDS	-	-	-	-	-	-	-	-
Abangezotitshala	3,840	1,352	-	-	-	-	-	5,192

Makuqatshelwe: Le theyibhile ibonisa yonke incitho yeSebe kuphuhliso lwezakhono zabasebenzi beSebe. Ibandakanya iindleko zabaqeqeshi abaqeqeshwe liSebe. Utitshala omnye unokubalwa kabini, ukuba ngokomzekelo utitshala ukhe wakwiiprogram zoqeqesho ngaloo nyaka uchaphazelekayo. Nakuba kunjalo, amanani kumqolo 'Ootitshala' akabonisi nakuphi na ukubalwa kabini kootitshala. Le theyibhile ingentla ibonisa kuphela incitho ezikota ezintathu kuphuhliso lwezakhono kunyaka-mali, kufanele kongezwe ikota yesine ukwenzela ukuba kuqulunqwe i-*Annual Training Report*. Uqeqesho kwi-HIV/AIDS nakuTshintsho lweKharithulam (*Curriculum Change*) alufumanekanga ngexesha lokunika ingxelo

Source Programme Manager, WCED

2.2 Ukungqinelanisa iimpawu eziboniswa yinkcitho neNjongo eziCwangciswe ngoBuchule

Izicwangciso i-*Framework for Strategic Plans and Annual Performance Plans* (Agasti 2010) zifuna ii-entithi (*entities*) ezithatha indawo yee-*Njongo eziCwangciswe ngoBuchule* njengoko bezisetyenzisiwe ngo-2010 - 2014 njenge-*siCwangciso soBuchule (Strategic Plan)* esinee-*Njongo eziJolise kwiZiphumo (Strategic Outcome Oriented Goals)* – ezichazwe njengeengxelo ezibonisa inxaxheba neziphumo nezineetha gethi zeminyaka emi-5 (*Impact and outcome statements with 5-year targets*).

ISebe iWCED alizitshintshanga *iiNjongo eziCwangciswe ngoBuchule* ezimiswe kolo xwebhu kodwa likwagxininiswa kwakhona nakolu njengemigqaliselo ehlaziyiweyo.

Injongo eJolise kwiSiphumo 1	Ukuphuculwa kokuqhuba kakuhle kwabafundi kuLwazi lokuFunda nokuBhala nakuLwazi lokuBala.
Inkcazo yenjongo	Ukuphuculwa kuLwazi lokuFunda nokuBhala noLwazi lokuBala ukwenzela ukuba: i-75% yabafundi beBakala 3 ibe iqhuba kakuhle ngokokumiswe iminyaka yobudala (<i>age norms</i>) ngo-2014 nokuba i-60% ibe iqhuba kakuhle ngokokumiswe iminyaka yobudala kwiMathematika. I-65% yabafundi beBakala 6 ibe iqhuba ngokokumiswe iminyaka yobudala ngo-2014 ne-50% ibe iqhuba ngokokumiswe iminyaka yobudala kwiMathematika. I-65% yabafundi beBakala 9 ibe iqhuba ngokokumiswe iminyaka yobudala ngo-2014 ne-55% ibe iqhuba ngokokumiswe iminyaka yobudala kwiMathematika. Amanqaku makalandelelwe (<i>tracked</i>) ngeemvavanyo zaqho ngonyaka namaphulo ongenelelo ngoncedo makalungiswe apha naphaya ngokufanelekileyo.
Injongo eJolise kwiSiphumo 2	Ukuphucula iZiphumo zeSafikethi seMatriki sikaZwelonke
Inkcazo yenjongo	Ukuphucula ireyithi yokupasa kwi-NSC ngokubonelela ngeencwadi zezifundo, iiprogram zoqeqesho lootitshala, ulawulo nenkxaso. Iitha gethi zango- 2014 kube ngabafundi abayi-43 000 abapasa iNSC kube yi-17 500 eyamkelwayo ukwenza izidanga zokuqala (<i>Bachelor's degrees</i>); babeyi-17 000 abafundi abapasa iMathematika ne-13 500 abaya kupasa i- <i>Physical Science</i> .

Injongo eJolise kwiZiphumo 3	Ukuncitshiswa kwenani lezikolo eziphakamileyo eziqhuba kakubi (<i>under-performing high schools</i>)
Inkcazo yenjongo	Ukupheliswa kokuqhuba kakubi kwezikolo kwiSatifikethi seMatriki sikaZwelonke kwizikolo eziphakamileyo, o.k.t. kungabikho sikolo esinereyithi yokupasa engaphantsi ko-60% ngo-2014

Ibhajethi ekhoyo imiswe ngohlobo lokuba kujongwe iiprayorithi zangaphakathi ukwenzela ukuba usetyenziso lwayo lujongane nezinto ezinxulumeneyo nezisuka ndawonye eziqatshelweyo (*cohesive and convergent actions*). ISebe iWCED liya kuqinisekisa ukwenziwa kweenkonzo ngokuzibophelela kwakhona ekugxininiseni ukusa izibonelelo zeSebe iWCED eziyimali nabasebenzi ezikolweni. Kuya kunikwa inkxaso kwakhona kwimfundo esemgangathweni ye-ECD, imfundo yabadala, eyekhohleji zeFET neyezikolo ezizimeleyo. Akuyi kubakho migaqo-nkqubo mitsha, kodwa kuya kubakho ukuphuculwa kokwazi ukuphendula kwamagosa ngoxanduva lwawo, ukucwangcisa, ukusebenza ngendlela eyiyo nonxibelelwano kuzo zonke iiprogram.

Oku kulandelayo zizinto ezijolise ngamandla kwiindlela neesistim zokusebenza ngo-2011:

Ulawulo loLwazi (*Knowledge Management*)

- Ukuphucula ukuchaneka nokusetyenziswa kwe-*Central and District Education Management Information Systems (CEMIS and DEMIS)*
- Ukwabelana ngeziphumo zeengxelo zophando zize zibandakanywe kwizicwangciso zeWCED
- Ukuyalela ukubalwa kweziseko zophuhliso (*Commission an audit of infrastructure*)
- Ukuphucula usetyenziso nokusebenziseka kovavanyo lwamaBakala 3, 6, 9 no-12 nedatha yoviwo
- Ukusebenzisana neSebe leNkulumbuso ngokumalunga nenkxaso ye-IT efanelekileyo nefikelekayo kwizithili zemfundo nezikolo
- Ukwandisa usetyenziso neereyithingi zeziko lewebhu, iziko lefoni, iziko labenzelwa iinkonzo neziko leendwendwe (*website, call centre, walk-in centre and visitors' centre*)

Ikharityhulam novavanyo

- Ukomeleza ulwazi lokufunda nokubhala nolwazi lokubala kuzo zonke izikolo eziziprayimari ngokusebenzisa iithagethi, izicwangciso ezifanelekileyo neenkqubo ezahlukeneyo zokunika inkxaso
- Ukumiselwa kweziphumo zophando lweBakala 3 ukuba zisetyenziswe ngamaziko emfundo
- Izikolo eziyi-250 ezitsha ziza kufumana uqeqesho olumandla (*intensive training*) kuLwazi lokuFunda nokuBhala noLwazi lokuBala lwabo bonke ootitshala bamaBakala 1 – 6
- Ukomeleza ulwazi lwekhontenti kootitshala bezikolo eziphakamileyo, ingakumbi izifundo ezenziwa ngabafundi abaninzi kakhulu nezo zivula amathuba okudlulela kumakhondo ngamakhondo
- Ukucwangcisa ukuqaliswa kwekharityhulam elungiswe ngokutsha ngo-2012 nango-2013
- Ukuvavanya bonke abafundi bamaBakala 3, 6 no- ngo-Oktobha-Novemba 2011
- Ukuqhuba ii-*Annual National Assessments* kumaBakala 1 – 6 ngoFebruwari 2011 nango-2012
- Ukucwangcisa nokuqhuba iimviwo ezintlanu zeBakala 12 nezabafundi abadala

Ezemali

- Ukuqinisekisa ulawulo nokuphathwa kwezemali okusemgangathweni onguwo: ukuphicothwa kweencwadi zemali, usetyenziso lwemali ngokuthi kuzuzwe lukhulu ngexabiso layo nokusetyenziswa ngempumelelo kwayo
- Ukuphucula ulawulo lwelahleko
- Ukuncitshiswa kweendlela ezingahambi ngokwemigaqo yokuthenga iimpahla neenkonzo
- Ukugcinwa usebenza ithuba elide (*sustained*) komgaqo-nkqubo wezikolo ezingabizi zifizi
- Ukubeka esweni incitho yezikolo nokuthobela kwazo imigaqo nemithetho (*compliance*)

ABasebenzi (Human Resources)

- Ukugqibezela i-oganogram kwaNdlunkulu nakwizithili zemfundo
- Ukomeleza ukugaywa kwabasebenzi, uqeqesho nokunikwa iingcebiso kweenqununu
- Ukubonelela ngeebhasari eziyi-250 ze-ACE zobunkokeli nolawulo ezikolweni zeenqununu nakwabo banqwenela ukuba ziinqununu.
- Ukuphucula ukuhamba isikolo kootitshala nabafundi
- Ukwandisa ukusetyenziswa kosuku lwesikolo kwimisebenzi yokufunda
- Ukuphucula ukusetyenziswa ngootitshala: kwezintlu zezithuba ezintlanu; ukwabelwa kwezikolo izithuba; ukungabikho kootitshala ezikolweni; ootitshala abangaphezu kwemfuneko
- Ukwandisa inani leebhasari zangaphambi kwenkonzo yokufundisa zootitshala (*pre-service bursaries*)
- Uqeqesho lokulungela umsebenzi (*Fit for purpose training*) nokuvuzwa ngoku kwamagosa nootitshala
- Ukuqhubeka ngeeprogram zoqeqesho lwabasenkonzweni e-Cape Teaching and Learning Institute, kubandakanywa iisemina neenkomfa, ezifikelela ubuncinane kootitshala neenqununu eziyi-3 000.
- Ukuqalisa iiprogram ezimfutshane ezintsha neeprogram zokuphucula umgangatho ezingemiba yakutshanje echaphazela ootitshala nabaphathi bezikolo.

Iziseko zophuhliso

- Ukwakha izikolo ezitsha ezili-10, ukwandisa iiklasi eziyi-78, iiklasi zeBakala R eziyi-58, nesigaba sesibini se-Centre for Science and Technology (COSAT).
- Ukwakha ngokutsha izikolo ezi-3 ezingafanelekanga neeklasi eziyi-132
- Ukuphucula incitho nobuchule kwibhajethi yolondolozo lwezakhiwo
- Ukudibanisa nokuvala izikolo ukwenzela ukusebenza kwazo ngempumelelo
- Ukujongisisa kwakhona iingqeshiso-mihlaba nezikim zezothutho
- Ukubonelela ngefانيتshala nezixhobo kwizikolo ezitsha nakwiiklasi ezintsha

Iincwadi zezifundo nezinye izibonelelo zokufunda

- Ukuphucula ukuthengwa, ukusetyenziswa nokugcinwa kweencwadi zezifundo
- Ukuthengwa nokusiwa kweencwadi zezifundo ezi-4 kumfundi ngamnye weSigaba seSiseko
- Ukuthengwa nokusiwa kweencwadi zezifundo zeBakala 10 ngo-2012 zibe yi-7 kumfundi ngamnye
- Ukuthengwa nokusiwa kweencwadi zoncwadi zeBakala 10
- Ukuthenga nokusiwa kweencwadi zokuFunda (Reading Series) kwizikolo eziyi-250
- Ukuthengwa nokusiwa kweencwadi zeBakala 12, njengoko ziyimfuneko ekongezeni istokhwe
- Ukugqiba ukubonelela ngeekhompyutha (*ICT infrastructure*) kuzo zonke izikolo eNtshona Koloni engadlulanga uMatshi 2012.
- Ukubonelela ngofikelelo kwi-Learning Management System kootitshala, abafundi, izithili zemfundo nakumagosa akwaNdlunkulu.

Impilo, inkxaso nokhuseleko lwabafundi

- Ukuphucula ukusebenza nokomeleza iiprojekthi ze-HIV/AIDS ezikolweni
- Ukwandisa iiprogram yesondlo yezikolo (*school nutrition programme*) nokuqinisekisa ukuba iiprogram yokufunda ayichaphazeleki
- Ukuphucula ukhuseleko ezikolweni
- Ukuphonononga imodeli yabafundi abaneemfuno ezizodwa zemfundo

Ngo-2011 kuza kulandelelelwa ukusebenza ngendlela eyiyo kwezi zinto ngokusebenzisa indibaniselwano yeMilinganiselo yeNtsebenzo yeProgram (*Programme Performance Measures*); izalathi zeNtsebenzo zeeProgram (*Programme Performance Indicators*) (ezinye qho ngonyaka ukanti ezinye qho ngekota), okufakwa kwi-Provincial Dashboard ngokusebenzisa iinkqubo zephondo nezesebe zokuBeka esweni nezoVavanyo.

Ziyahlaziywa iinjongo eziCwangcise ngoBuchule (*Strategic Objectives*) njengoko ziboniswe kwisiCwangciso soBuchule (*Strategic Plan*) ukuze zingqinelane neNkcazo yoBuchule (*Strategic Statement*) eyakhutshwa yiNkulumbuso ngo-2009 kwaye zidweliswe phantsi kweeprogram ezifanelekileyo. Le miba ibalula ezo nkqubo zemisebenzi ziya kwenza igalelo ngokudibeneyo kwinkqubo ekhokelela kwiinjongo ezi-3 zeSebe iWCED.

Icandelo B: Izicwangciso zeeprogram nezeeprogram ezisekelayo

3. IProgram 1: Ulawulo

Injongo: Ukubonelela ngolawulo lwamacandelo onke nenkxaso kwinkqubo yezemfundo ngokungqinelana noMthetho woMgaqo-nkqubo wezeMfundo kuZwelonke (*National Education Policy Act*), uMthetho woLawulo lwezeMali kaRhulumente (*Public Finance Management Act*) neminye imigaqo-nkqubo efanelekileyo

Ucazululo lweprogram esekelayo nganye:

Iprogram esekelayo 1.1: I-Ofisi yoMphathiswa (MEC)

